**VAKALISA ULUVO LWAKHO**

**ISIMEMO SOKUVAKALISA ULUVO**

**UMTHETHO-SIHLOMELO OYILWAYO WEELALI ZEPALAMENTE, KA-2026**

IKomiti yeXeshana yokuHlola uMthetho weBhodi yoLawulo lweeLali zePalamente (uMthetho Nombolo 96 ka-1998) imema abachaphazelekayo abanomdla kunye nabantu ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo malunga noMthetho-sihlomelo oYilwayo weeLali zePalamente, ka-2026.

**Iinjongo zoMthetho-sihlomelo**

Lo Mthetho-sihlomelo oYilwayo ufuna ukurhoxisa uMthetho weBhodi yoLawulo lweeLwali zePalamente, ka-1998; ukuqaphela nokulawula ubukho beelali zepalamente, kunye nokwabiwa kwezindlu kwiilali zepalamente; ukutyumba iPalamente njengomgcini kunye nomsebenzisi weelali zasePalamente; ukuseka nokulawula iBhodi yoLawulo lweeLali zasePalamente; ukubonelela ngolawulo lweBhodi kunye nendima yayo yokuxhasa iPalamente njengomgcini kunye nomsebenzisi weelali zasepalamente; ukubonelela ngokusekwa kweKomiti yaBahlali kwilali nganye yepalamente nokuchaza indima nemisebenzi yayo; nokubonelela ngendima yeNkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika kwiilali zepalamente; ukulungisa uMthetho woLawulo lweeAsethi eziNgashukumiyo zikaRhulumente, ka-2007; kunye nokubonelela ngemicimbi enxulumene nayo.

Imibuzo kunye nezimvo ezibhaliweyo zingathunyelwa kwiKomiti eKhethekileyo ejongene nokuPhononongа nokuLungisa uMthetho weBhodi yoLawulo yeeLali zasePalamente, ziqondiswe kuGqirha Anneke Clark, nge-imeyile ethi aclark@parliament.gov.za. Ukongeza kwizimvo ezibhaliweyo, nceda ubonise umdla wakho wokwenza inkcazo ngomlomo phambi kweKomiti yeXeshana.

**Umhla wokugqibela wokungenisa izimvo ezibhaliweyo nguLwesihlanu, umhla wesi-14 kweyeThupha ka-2026.**

Iikopi zoMthetho-sihlomelo oYilwayo zingacelwa ngomnxeba kuGqirha Clark kule nombolo yeselula: 081 360 1431, okanye zifumaneke nge-elektroniki kwiwebhusayithi yepalamente (www.parliament.gov.za).

**Ikhutshwe ngoHloniphekileyo uCM Masina, iLungu lePalamente**

USihlalo: IKomiti yeXeshana yoHlolo noLungiso loMthetho weBhodi yoLawulo yeeLali zePalamente